**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI**
**INQANABA ELIPHANTSI**
**(Iphepha Lesibini)**

**IXESHA : 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amahlanu A, B, C, D noE
- Ufunde iincwadi **eziNTLANU**, khetha iincwadi zibe **mbini** kwezi zilandelayo uphendule zona.
- Yonke imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa.
- Umthamo weempendulo wokhokelwa ngamanqaku.
- Umgaqo wokubhalwa kolwimi olwamkelekileyo; upelo noqhawulo magama olululo, kwakunye nomsebenzi obhalwe ngobunono yinto ekhuthazwayo kumfundi

---

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

***Khala Zome*: L.M. S. Ngcwabe**

1.1 Funda ngocoselelo lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMNTU ONEKRATSHI**

Athi ke umnt'onekratshi!
Ukuhamb'oku abe likratshi,
Ukutheth'oku abe likratshi,
Wakumjonga abe krakra.

Lilumeze ke ikratshi,
Ukuginy'oku abe likratshi,
Ukuhlafuna abe likratshi,
Nokutya ke kumkrakrele

Akwambath'ambathIkratshi,
Linge liyamrhawuzelel'ikratshi,
Azonwaye, limgungqis'ikratshi,
Zikrazuke izambatho.

Hay'ke beth'umnt'onekratshi!
Akungena liyanuk'ikratshi!
Sakuvala sivalel'ikratshi!
Sak'baleka sokruneka!

Singamthini na ke lo mntu?
Simbulale, sisindis'uluntu?
Simkakaze ngeyeza lobuntu?
Masimyek'akrakradeke!

1.1.1 Uhamba njani umntu onekratshi? (2)

1.1.2 Chaza ikratshi neziphumo zalo njengoko kusitshiwo kulo mbongo. (2)

1.1.3 Chonga amagama amabini okanye amabinzana kwistanza 2 no 3 ngobunjani bekratshi. (2)

1.1.4 Kuthetha ukuthini ukuthi:

**Akungena liyanuk'ikratshi** (Kumqolo 14) (2)

1.1.5 Umntu onekratshi ngumntu onobubele okanye onolunya. (1)

1.1.6 Lo mbongo usifundisa ntoni? (2)

1.1.7 Khetha

(a) Wakumjonga abe krakra (umqolo 4) Uba mhle / mbi. (1)
(b) Nokutya ke kumkrakrele (umqolo 8) Kube nencasa okanye akubi nancasa. (1)
(c) Masimyek'akrakradeke. (umqolo 20) Onwabe okanye ajijitheke. (1)

1.1.8 Kumnandi ukuhlala nomntu onekratshi. Ewe okanye hayi? (1)

1.1.9 Uxakekile okanye upholelwe ngamalanga lo mntu. (1)

1.1.10 Gqibezela: **Masimyek...** . (1)

1.1.11 Kwenzeka ntoni sakubaleka? (1)

1.1.12 Usebenzisa ntoni xa ezonwaya? (1)

1.1.13 Limgungqis' ikratshi. Kuthetha ukuba akuhlaliseki / uhleli uzole tu? (1)
**(20)**

1.2 Funda lo mhobe uze uphendule imibuzo elandelayo.

Phaya ezingqaqeni
Ayataka-tak'amatakane,
Phay'ezadungeni
Ayaxhuma-xhuma amaxoxo,
Phay'ezintilini
Zinikin'iintloko iintyatyambo,
Zibethwa yimpepho.

Phay'emakhayeni
Ayangqusha amantombazana,
Phay'ematyholweni
Ayathwaxulana amakhwenkwana;
Phay'emadlelweni
Zithobele phantsi ezakowethu,
Kuloo ntsimi yazo.

Phay'ezindywaleni
Amancoko, nezibhoxi zikho;
Phay'ezinkundleni
Amaciko, namayilo akho;
Phay'emitshatweni
Ayatyityimb'amakhosazana-
Bonke bonwabile.

Kum'emehlweni
Kuth'wa, "Likhangel'uligqibelise".
Kum'entliziyweni
Kuth'wa, "Zikholise de wanele".
Kuba engcwabeni
Andisoze nd'phinde ndibubone.

1.2.1 Sithini isihloko salo mbongo? (1)

1.2.2 Xela izinto zibe mbini ezenzekayo kwistanza 2 ezibonakalisa ubuhle bomhlaba. (2)

1.2.3 Kuphi apho ungasoze uphinde ububone obu buhle? (1)

1.2.4 Bhala indawo ezimbini imbongi ethi kukho intshukumo eyenzekayo. (2)

1.2.5 Yintoni le inconywa kangaka kulo mbongo? (1)

1.2.6 Bhala elinye igama elithetha **amakhosazana**. (1)

1.2.7 Enzani amatakane? (1)

1.2.8 Enzani amaxoxo? (1)

1.2.9 Kuthetha ukuthini ukuthi **Ayathwaxulana amakhwenkwe**?

A. Ayabethana ngokudlala.
B. Ayathukana.
C. Ayalwa ngobungozi.
D. Ayikho elungileyo. (1)

1.2.10 Kuthetha ukuthini ukuthi: Zinikin'iintloko iintyatyambo.

A. Ziyashukuma.
B. Ziyalwa.
C. Ziyaphuka.
D. Azivumi le nto yenziwayo. (1)

1.2.11 Zibethwa yimpepho. Le ntetho ithetha ukuba:

A. Zenzakele.
B. Ziphole kamnandi.
C. Ziphatheke kakubi.
D. Zifile. (1)

1.2.12 Ngoobani abasezindywaleni? (2)

1.2.13 Ngoobani abasezinkundleni? (2)

1.2.14 Enzani amakhosazana? (1)

1.2.15 Kuyanconywa apha kulo mbongo okanye kuyagxekwa? (1)

1.2.16 Enzani amantombazana phay'emakhaya? (1)
**(20)**

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

***Isisila Sehobe* – S. C. Satyo no E. F. Gwashu**

2.1 Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo:

> **UNomatshamba**: (*Encumile*): Kant'ubona nje, umnakwethu lo ubengumntu osaya kuchitha nje iholide kweliya laseThekwini. Kanti umfo kabawo yena uyayaz'intw'ayenzayo. Phofu akaziqhathanga. Simthulel'umnqwazi thina aph'eBhayi, asazi kwelo lakwaZulu! Ngakumbi iinzwakazi zeli lethu, asaz'ukuba ziza kuthi beziphi na. (*Bahleke bobabini*)
> **UDineka**: (*Esahleka*): Hay'kaloku, ziya kufa namthanyana. UQali lo uthi mna, ngaphandle nangaphakathi ngoku. Akangowethu, ngowam! (*Bahleke kakhulu bobabini begonene*).

| | | | |
|---|---|---|---|
| 2.1.1 | Ingaba ngenene uNomatshamba ngudade boQali? | | (2) |
| 2.1.2 | Injani intliziyo kaNomatshamba? | | (2) |
| 2.1.3 | Kuthetha ukuthini **Simthulela umnqwazi**? | | (2) |
| 2.1.4 | Ingaba unyanisekile uDineka kuQali. Zathuza. | | (2) |
| 2.1.5 | Ngqina okanye uphikise intetho ethi uQali uthi **Dineka ngaphandle nangaphakathi.** | | (2) |
| 2.1.6 | Ingaba kunjalo nakuQali? | | (2) |
| 2.1.7 | Uncumo lukaNomatshamba lubonisa ntoni? | | (2) |
| 2.1.8 | Kukuthini **ukufa namthanyana**? | | (2) |
| 2.1.9 | Bhala igama elithi Qali liphelele. | | (2) |
| 2.1.10 | (a) | Cacisa la mazwi: **Phofu akaziqhathanga**. | (2) |
| | | | **(20)** |

> **UNomatshamba** (*Egxwala ngumsindo*) : O-o! O-o!! O-o!!! Ulapho, Lindile? Ulapho ngoku, gwalandini letyutyusi lomtyuba wento? Uyandingcatsha ngoku, Lindile? Usindis'esakho isikhumba ngam ngoku? Ntondin'engqond'iyipapa! Hi! Kunjalo? Wenza loo nto kum? Ha-a-a-a!.

2.1.11 Kukuthini ukugxwala? (2)

2.1.12 Uthetha nabani apha uNomatshamba? (1)

2.1.13 Kutheni enomsindo nje uNomatshamba? (2)

2.1.14 Uthini xa ebiza uLindile? Xela zibe mbini. (2)

2.1.15 Kukuthini ukungcatsha? (2)

2.1.16 Kha uchaze **ingqondo eyipapa** injani? (2)

2.1.17 Xa ethi Ha-a-a! uNomatshamba uthetha ukuthini? (2)

2.1.18 Ingaba le mibuzo iyayifuna impendulo? (1)

2.1.19 Uyintoni uLindile lo kuNomatshamba? (2)

2.1.20 Kukuthini ukusindisa esakho isikhumba? (2)

2.1.21 Uyangqinisisa uNomatshamba ukuba kunjalo. Yintoni le injalo? (2)
**(20)**

**AMANQAKU ECANDELO B: [40]**

ICANDELO C

**UMBUZO 3**

***UMakhwekhwetha* – R. F. Mcimeli**

3.1 Fundisisa ezi zicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

"Hi mfo, uyithanda njani into yokuba amapolisa angamhoyi umntu ezokumangala, aze akuphuma loo mntu kube kukhona athabatha amanyathelo engakhange abhale phantsi nesitedimeni?"

"Mna Makhwekhwetha andiwagxeki la mapolisa. Xa ndinokuza kuwe ndithi ndihlaselwe ndibe ndingenalo nofifi ngomntu ondihlaseleyo ungaqala ngaphi wena ukukhangela loo mntu? Kubanjwa umntu owaziwayo kaloku."

"Le yokuba ndithethe nawe ndide ndikugxothe, umke ungenathemba lokuba ndiza kuthatha amanyathelo, kuze kwale wakuphuma kube kukhona ndithatha amanyathelo, ungenalwazi wena ngaloo nto, uthini ngayo?"

"Hayi ndiyawagxeka kuleyo nam, ngakumbi kule ndawo yokuthetha kakubi nomntu. Mhlawumbi ela polisa lalisenziwa kukungabi namava kuba ingathi liselincinci. Linokuba ngaba bantu bafuna ukoyikwa kuba bengabasemthethweni.

3.1.1 Ngoobani aba bathetha apha? (2)

3.1.2 Baphi kule ndawo baxoxa kuyo? (2)

3.1.3 Xela izinto zibe mbini ezingalunganga azenzileyo la mapolisa kummangali. (2)

3.1.4 Uthi omnye isizathu sokuphatha kakubi lo mntu yintoni? (2)

Phendula ngo-Ewe okanye Hayi

3.1.5 UMakhwekhwetha wayehlonitshwa kweso sitishi wayesebenzela kuso. (1)

3.1.6 Uyawulandela umgaqo-siseko wabecuphi. (1)

3.1.7 Ukusombulula iqhina kufana nqwa nokuphanda. (1)

3.1.8 UMakhwekhwetha wayelinene elingahlalwa mpukane. (1)

3.1.9 Isiqhulo sakhe yayingu'Bhaku elingqoqo. (1)

3.1.10 Khawuthi gqaba-gqaba ngendlela awayesebenza ngayo uMakhwekhwetha. (2)

3.1.11 Kukho into awayeyithanda iSecond Possibility, yintoni leyo? (2)

3.1.12 Xela izinto zibe mbini ezinokwenza ukuba la mapolisa asebenze ngolu hlobo? (2)

3.1.13 Xa umntu eze kumangala yintoni ema yenzeke? (1)
**(20)**

> "Laa mfo, nto kaSiphuka wawuchitha umzi wam tu," utsho esalatha kuMkhuma. "Yonke le minyaka ndifuna indlela endingathi ngayo <u>ndimbethe olungophiyo</u>. Ndakuva ngeempukane eziluhlaza ukuba ngathi baza kutshata, ndakroboka tu emphefumlweni. Ndikunyamezele ukuchitha kwakhe indlu yam. Ndikunyamezele ndakubukela nokungomba kwakhe inkosikazi yam imihla nezolo ndibukele ndithe cwaka nangona ndizongoma yingqumbo, kodwa eyokuba baza kude batshate kulibaleke tu ngomzi lo wakowethu ibe yeyokugqibela.

3.1.14 Ngubani lo uthethayo apha, ethetha nabani? (2)

3.1.15 Kwenzeka ntoni apha. (2)

3.1.16 Cacisa le ntetho **Ndakuva ngeempukane eziluhlaza**. (2)

3.1.17 Kukuthini ukukroboka emphefumlweni? (2)

3.1.18 Xela izinto zibe mbini azinyamezeleyo lo mfo. (2)

3.1.19 Bhala elinye igama elithetha **ingqumbo**. (2)

3.1.20 Wayezongoma yingqumbo. Yintoni ezongomayo? (2)

3.1.21 Cacisa intetho enomgca ngaphantsi ukuba ithetha ukuthini? (2)

3.1.22 Yeyiphi le ndlu ichithekayo? (2)

3.1.23 Kukuthini **ukungomba**. (2)
**(20)**

**AMANQAKU ECANDELO C: [40]**

ICANDELO D

**UMBUZO 4**

***Sasinoncwadi kwatanci* – Satyo, S. C. Nabanye**

4.1 Khetha eyona mpendulo ichanekileyo:

4.1.1 Uncwadi lwemveli luhamba nezijekulo okanye neengxabano. (1)

4.1.2 Lwenzelwe ababukeli ngumqambi okanye lwenzelwe abaqambi ngumbukeli. (1)

4.1.3 Luyaqwetywa okanye lujongwa encwadini. (1)

4.1.4 Lwenziwa ngohlobo olunye olufanayo okanye lwenziwa ngohlobo olwahlukileyo. (1)

4.1.5 Lumnandi okanye alumnandanga. (1)

Yithi ewe okanye hayi

4.1.6 Intsomi libali elingeyonyani.

4.1.7 Iqhina lilola ingqondo.

4.1.8 Imbongi yomthonyama ibhala phantsi xa ibonga.

4.1.9 Iqhalo linentsingiselo ecacileyo.

4.1.10 Umbalisi-ntsomi akanazijekulo. (5)

**(10)**

4.2 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwinombolo nganye ukusuka ku 1 – 11. Ecaleni kombuzo ngamnye, bhala kuphela unobumba oyimpendulo oyikhethileyo, umzekelo: 1 A, 2. C, 3. D njalo-njalo.

4.2.1 Uncwadi lwemveli:

A. Luncwadi ebeluvela mhla ngesiganeko eso
B. Luncwadi olungadudwayo.
C. Alufuni mqambi nababukeli kuba belubhalwa.
D. Futhi aluqwetywa

4.2.2 Isiqalo sentsomi sidla ngokuthi:

A. Iphelile ke intsomi.
B. Sobe sibonane, iyaphela intsomi ngoku.
C. Phela-phela ngantsomi.
D. Kwathi ke kaloku ngantsomi.

4.2.3 Umbalisi wentsomi, emva kokuzoba ibuyambo, uphetha intsomi ngebinzana elithi:

A. Iphelile ke intsomi.
B. Sobe sibonane, iyaphela intsomi ngoku.
C. Phela-phela ngantsomi.
D. Kwathi ke kaloku ngantsomi.

4.2.4 Umbalisi wentsomi udla ngokuyenza intsomi yakhe ibe nomdla ngokusebenzisa.

A. Umculo weTKZEE noka Brenda Fassie.
B. Ukugingxiza kwentetho namagama ambaxa.
C. Izinja neekati zimncedise.
D. Irediyo nomabona-kude.

4.2.5 Umxholo othi **Izidenge zasoloko zililifa lezilumko ezintsomini**, ungawungqamanisa kakhulu nalaa ntsomi ithi:

A. Igqabi lenkosi
B. Imvelaphi yezimba
C. Udyakalashe nabantwana bengonyama
D. Akukho ntsomi ingena kulo mxholo ungentla

4.2.6 Ukuze ube nakho ukusombulula amaqhina, kufuneka ube:

A. Krele-krele kakhulu apha engqondweni.
B. Neliso elibukhali nelikwaziyo ukuqwalasela izinto ezikungqongileyo.
C. Ngumntu obaziyo ngendalo oorayi-rayi
D. Ngumntu omdala kakhulu

4.2.7 Qashi-qashi ndinamagqudu am mabini ngawenyama.

A. Yimiphunga
B. Ngamabele awehlisileyo
C. Ngamanqindi
D. Ziindlebe

4.2.8 Lizulu:

A. Ndinamntu wam ungasoze alile engaqalanga ambathe.
B. Ndinamntu wam uguga emi bhuxe ngeenyawo
C. Ndinangubo yam yambathwa nguye wonke ubani
D. Ndinanto yam iyabhabha kodwa imi ndawonye.

4.2.9 Umsebenzi weqhina

A. Kukonwabisa
B. Kukufundisa
C. A no B
D. Awukho

4.2.10 Ezinye zeempawu ezithile eziqaqambileyo zezibongo zomthonyama

A. Kukusetyenziswa kwamagama anqabileyo nangundileyo
B. Kukusetyenziswa kwezikweko nobaxo
C. Kukusetyenziswa kwemfano-zandi
D. Zizo zonke ezi zingentla apha **(10)**

4.2.11

(a) U-**Hoyi-na**, kwizibongo zomthonyama uthetha ukuthini? (2)
(b) Owona msebenzi wezibongo kukuthini? (2)
(c) Ingoma yakwaNtu ethi Ngu-Somagwaza ha-yo-ho ho-we iculwa xa kutheni? (1)
(d) Isithetha-ntonye seli qhalo lithi “Iqaqa aliziva kunuka” sithini? (2)
(e) Xela amanqanaba amathathu okwenza iqhina? (3)
**[10]**

4.3 Yakha amaqhalo/izaci ngegama ngalinye olinikiweyo apha ngezantsi.

| | | |
|---|---|---|
| 4.3.1 | Imbila | (2) |
| 4.3.2 | Umlomo | (2) |
| 4.3.3 | Unyawo | (2) |
| 4.3.5 | Ingcuka | (2) |
| 4.3.6 | Ingwe | (2) |

**(10)**

**AMANQAKU ECANDELO D: [40]**

## ICANDELO E

## UMBUZO 5

***Imbadu*** **– G. B. Sinxo**

5.1 Funda esi sicatshulwa uze wandule ukuphendula imibuzo kuso.

> "Ndixelele Nomadabi, ukuba bubufazi na obu bokuba ube uvatshula ngobusuku kwezi zitrato zingagqitywa nayikati?"
> Umnwe wakhe wawutyityimba, ujonge emfazini, ungcangcazela ngumsindo.
>
> "Tyhini tata", yakhala yatsho intwanazana, "Iyahlekisa into yokubona leminwe yakho mikhulu ityityimba uyijongise kumama." Wajika wajonga entombini, esithi,"Yithi tu, gezazanandini.
>
> "Inene, tata, khawuyijonge iminwe yakho."
>
> "Iminwe etheni?" Wakhonkotha ngowenciniba umsindo, ebuza.
>
> "Mnye kuphela kuyo ojonge kumama, be yonke emithathu ijonge kuwe ezimpondweni."
>
> Yenze ntoni ke loo nto?" Yadanduluka ibuza indoda ese ixinekile kukudubeka oku.
>
> "Ithetha, tata, ukuba yena umama wone kanye kuphela, wena wone kwakathathu ngaphezulu."
>
> Limyile ziintloni nodano, wahlala phantsi uZongezile.

| | | |
|---|---|---|
| 5.1 1 | Sithini isihloko seli bali? | (1) |
| 5.1.2 | Wenzeni lo mfazi ungxoliswayo? | (2) |
| 5.1.3 | Kukuthini **ukuvatshula**? | (2) |
| 5.1.4 | Ufaniswe nesiphi isilwanyana lo mfo xa ethetha? | (1) |
| 5.1.5 | Leliphi igama elichaza eso silwanyana? | (1) |
| 5.1.6 | Yintoni ethi lo mfo wone ngaphezulu kunomfazi wakhe? | (2) |
| 5.1.7 | Waziva enjani emva kwale nkcazelo utata wegezazana? | (2) |
| 5.1.8 | Yayisenzani iminwe yale ndoda, le ihlekisayo? | (1) |
| 5.1.9 | Kwibali elithi **Wanyangwa yinyama**, ngubani umlinganiswa ophambili ekuthethwa ngaye? | (1) |

> Lwaguquka kancinane ugaga, lusancume njalo, lukuchwayito olungummangaliso, lwathi: "Ndiphile ngqe ngoku, ntanga. Laa hagu ubawo wayendithembise ukundixhelela yona ukuba ndiliphumelele eli banga lesine ife ngequbuliso elikhulu, sintsentsetha yona ke ngoku."

5.1.10 Wayengumntu onjani lo mfo? (2)

5.1.11 Yintoni le yayiyingxaki kulo mfo? (1)

5.1.12 Lo mfo wayesisidla-kudla. Ngumntu onjani lowo? (1)

5.1.13 Cacisa le ntetho ingentla ngokusixelela ukuba wayeyenza njani le nto? (2)

5.1.14 Yintoni eyabanga unxunguphalo kuMakhwange? (2)

5.1.15 Lwanyangwa yintoni olu nxunguphalo? (2)

5.1.16 Kwakulula / kwakunzima ukumfumana uMakhwange esitya. Khetha. (1)
**(24)**

**MHLA SANCAMA**

> "Mama, mama, ndimbonile umama uNovenkile; uqale kuloBuyiswa, wacela icephe lekofu, waphuma apho waya kuloNtaphane, wacela icephe leswekile!"
>
> Kuthe esakhefuzela njalo uCholani, wangena umninawa wakhe, naye ematshamatshekile, esithi yena kwangentsasa leyo, ngokuya ebeye kulo Mazwi, ubone kungena intwanazana kaNovenkile uFaniswa, iye kucelela unina amagqabi eti, wathi xa aphumayo uFaniswa, wahamba naye, wamshiya engena kuloLulama, esiya kucela ityuwa.

5.1.17 Eli bali lingomntu othanda ukwenza ntoni? (1)

5.1.18 Ingaba yimfundiso entle le ayenza ebantwaneni bakhe? (1)

5.1.19 Nika isizathu ngempendulo engasentla. (2)

5.1.20 Bexela nje kunina aba bantwana bayavuya / bakhathazekile. Khetha. (1)

5.1.21 Kukuthini **ukukhefuzela**. (2)

5.1.22 Ungakanani uCholani kumninawe wakhe ? (1)

5.1.23 Yithi ewe okanye hayi:

(a) Umama uNovenkile ukruqule ngokucela. (1)
(b) Abantwana abakhula ngolu hlobo ikamva labo limfiliba? (1)
(c) Baqinisekile aba bantwana ukuba uyeza nalapha kowabo eze kucela. (1)
(d) Bayamthanda uNovenkile nabantwana bakhe. (1)
(e) Baqala ukucela kwakusasa lide liye kutshona. (1)

5.1.24 Nika izinto zibe mbini azicelayo umama uNovenkile. (2)

5.1.25 Wangena umninawa wakhe, naye "ematshamatshekile". Wayenjani? (1)

**(16)**

**AMANQAKU ECANDELO E: [40]**

**AMANQAKU EWONKE: 80**

**ISIPHELO**